**GAUTENG DEPARTMENT OF EDUCATION**
**SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION**

**OCTOBER / NOVEMBER 2005**
**OKTOBER / NOVEMBER 2005**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lokuqala)**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 75**

---

**IMIYALELO**

- Eli phepha linamacandelo amathathu.
- Funda yonke imibuzo ngocoselelo.
- Bhala iinombolo zakho njengoko zibhaliweyo kwimibuzo.

---

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

Fundisisa esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo:



Ibiyileya izolo, yile namhlanje, yenye ngomso; ifashoni le ifana nolovane ukutshintsha-tshintsha oku. Uthi usajonge le, usancoma, kuvele enye ekumila kumbi, ibe ngathi inomtsalane kunaleya yakuqala. Uthi ukuthelekisa, ingqondo isadidekile, kuthi gqi enye esuka ibe ngathi ithe kratya kwezinye ngobuhle. Uyaxakeka xa kufuneka uthengile ude ngelinye ixesha uzifumane uchonga impahla engangqinelaniyo nokumila komzimba wakho. Ngokwenene bakho abantu abathi xa benxibe ifashoni ubone nje ukuba lo uthe, "Nam ndiza kuyinxiba inxitywa nje." Lo nkanishe ke uba yiloo mpoxo yeso siputsu okanye abe lelo dada, ufke abantu bekikitheka yintsini bemana besalathisana ngaye, abe yena ethe qhiwu intamo ezimisele. Uthengo lwefashoni lwenza imitsi; akukho mntu

ufuna kuthiwe akalandeli. Isifo sokurhorhozelana nefashoni silutyhutyhile uluntu luphela ukusukela koselula ukuya kuma kotototobayo. Ifashoni ibiza amaxabiso alumayo, aqongqotha ipokotho yendoda, basale oonovenkile bona bezigobh' amacala. Ingaba eneneni ikho imfuneko yefashoni? Abanye bayanqwala abanye bayanikina.



Abathetheli befashoni bathi iliso liyadinwa kukusoloko libona into enye kwaye nomzimba uyakruquka kukunxityiswa into eluhlobo olunye. Bathi impahla egaxelwayo imele ze itshintshe ngokuye ehamba amaxesha nangokuye zitshintsha iinkanuko zabantu.

Kwesi sithuba masikhe siyiqwalasele ifashoni le ngeliso elibukhali siqale ngeelokhwe ezi. Zikho iilokhwe ezibude burhuqa phantsi, ufike abo bazinxibileyo bewunduza xa behamba. Ziyabukeleka ke bethu gqwidi nje ngokufihla imilenze oku. Le lokhwe imnika isidima lowo uyigaxeleyo itsho iwafanele ngokukodwa wona amakhosikazi. Olu hlobo lwelokhwe luvamise ukunxitywa kumatheko odidi oluphezulu ingakumbi awangokuhlwa.

Ihlobo lisizela nezimanga zeelokhwe ngenxa yobushushu balo obunganyamezelekiyo. Kukho ezi lokhwe – eneneni ezi lokhwana-ziphela ngentla lee apha edolweni esithi xa siziteketisa zii 'mini'. Ezi lokhwe zithandwa kakhulu ziintombi, ufike abafana besiyana ngamehlo xa kudlula imbelukazi eyinxibileyo. Ezi 'mini' ke iba ziilokhwe kungenjalo ibe yimibhinqo ethe saa okanye esondele yee nca kumniniyo kude kube nzima nokuphakamisa umlenze. Simke apho siye kwezo zinobude obaneleyo kodwa owofika zivuleke kanobom apha esifubeni okanye emqolo okanye ufike wonke lo mzimba ungentla kwamabele ungaphandle. Kungenjalo olu didi uya kulufumana luvuleke ngathi lukrazukile ukuza kuma, ngamanye amaxesha, apha ezantsi kweempundu. Ubone kuneentloni wonke obukeleyo ngaphandle komninilokhwe.



Ezinye iilokhwe zehlobo ziceketheke kangangokuba amehlo omntu ayakwazi ukugqobhoza apha kuzo abone konke okungaphaya. Abachasi befashoni abangamadoda bayakhala ngelithi uninzi lwezi lokhwe zehlobo lusikwe ngendlelana apha ebonakalisa indelelo – okanye umngeni emadodeni. Asaz' apho.

Iibhulukhwe nazo zingxamele ukuba yinto ngobunto bazo kwabasetyhini nasemadodeni. Zinxitywa ngamantombazana, ziintombi, ngabafazi, ngoomakhulu, abatyebileyo nababhityileyo. Ziluncedo kakhulu xa kuvuthuza umoya naxa kubanda. Ibhulukhwe xa imfanela umntu iyamfanela ke, kanti xa imkhanyela imtsho abonwe nasesi sembala isidenge.

Bubulumko ukuba umntu asazi isinxibo esimhlalayo nesingamhlaliyo.

Zikho iibhulukhwe ezinkulu ukusuka esinqeni uyokutsho ezantsi. Olu hlobo lwaziwa ngokuba yityhulothi. Olu ke uhlobo lunxitywa ngababhityileyo nangabatyebileyo. Phofu eneneni lulungiselelwe izidudla ezi kuba akucaci kakuhle nokuba sisiketi nokuba yibhulukhwe. Wofika ke edwanguza umntu wayo ukuhla ngesitalato engazilibali ukuhomba. Lukho olu lutsobhileyo emazantsi esithi xa silubiza yibhotsotso? Zikho ezithe nca ezenziwe ngala malaphu angathi yijezi kuthiwa zithayithi. Wofika beminciza ke abancinci nabadala benxibe ezi 'thayithi'. Zikho iibhulukhwe ezibude buphela ngezantsana nje kwamadolo. Olu udidi kuthiwa yibhemuda. Lunxitywa ngamadoda kunye nabasetyhini. Kanti zikwakho nezincinane eziphela apha emisekeleni yeempundu. Wofika ke amanenekazi ezibhija enxibe ezi ziqwentshu. Ngekhe sizigqibe! Sakubonana kwezilandelayo.

1.1 Phendula imibuzo elandelayo:

1.1.1 Bhala phantsi izizathu ezithathu ezenza ukuba ifashoni ibe mbi. 2x3=(6)

1.1.2 Ufune ilokhwe / ibhulukhwe esefashonini. Umzali wakho akayiboni imfuneko yale lokhwe okanye yale bhulukhwe. Zama ukumbonisa ukubaluleka kwayo kuwe nakulutsha lweli xesha. Nika isizathu esinye kwisinxibo ngasinye. 2x2=(4)

1.1.3 Iibhulukhwe zinxitywa ngamadoda nabasetyhini. Uthi ilungile le nto? Xhasa impendulo yakho ngezizathu ezibini. (2)

1.1.4 Khetha izifanekisozwi apha kwesi sicatshulwa usifundileyo zibe zithandathu. (6)

1.1.5 Ithini intsingiselo yala magama alandelayo: Wabhale phantsi kuqala uze ecaleni kwegama ngalinye unike intsingiselo leyo ifunwayo.

(a) ukutotoba
(b) usiputsu
(c) ukutyhutyha
(d) ukunqwala
(e) inkanuko
(f) isiqwentshu
(g) ukuzigobh' amacala 1x7=(7)

**AMANQAKU ECANDELO A: [25]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

ISISHWANKATHELO

Funda esi sicatshulwa silandelayo, uze usishwankathele ngamagama angama – 20.

> Akuba enikwe ithuba ubethe koozelekazi utitshalakazi esithi uthe ehleli endlwini yakhe ngale mini kwangena elo thokazi lenkuku lityhobeka, ngolwamagqaza urhatya Uqale ngokuligxotha kodwa lithe lakutyhudisa lifuna ukungena endlwini wagqiba kwelokuba aliyeke, aligcine ukuze lingabi sisisulu samasela okanye zizinja zelokishi. Uligcine kwigumbi elingaphambili ukuze umninilo alibone, alikhombe engaxelelwanga nguye kuba wayesoyika ukuhamba ebuzisa ngalo kuba wosuka nawuphi na umntu athi lelakhe aze athi ulithenge kuye akubanjwa. Isizathu sokuba alitshixele kwigumbi lokulala ukuphangela kwakhe kukoyikisela ukuba abantwana bosuka badlale ngalo nowakhe umqhagana wawuhlala endlwini lo gama angekayenzi indlwana yazo. Uphethe ngelithi yena ebengenazo kwaphela iinjongo zokuyiba loo nkuku.

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

ICANDELO C

**UMBUZO 3**

Fundisisa esi sicatshulwa wandule ukuphendula imibuzo ebuziweyo.

**INTLALO YAKWANTU NGOKWAMANDULO**

Mandulo indlela amaXhosa ayehlala ngayo yahlukile kunendlela ahlala ngayo kule mihla, ngokunjalo nakwezinye iintlanga. Imizi, impahla enxitywayo, ukutya, njalo njalo zahlukile kwezo zamandulo. Xa sinokujonga imizi yamandulo sifumanisa ukuba izindlu zakhona zazithe <u>saa</u> apha elalini zigqagqene, yaye zazakhiwe ngezinti nangodaka, kwaye <u>zazifulelwe</u> nangengca apha ephahleni. Njengokuba ezi zindlu zazakhiwe ngezinti nangodaka nje, zikwafulelwe nokufulelwa, zazikhuselekile emvuleni nasengqeleni ngenxa yendlela ezazakhiwe ngayo. Ukuqinisekisa ukufudumala kwezi zindlu, apha ngaphakathi <u>zazityatyekwa</u> ngodaka nangobulongwe, ukanti nalapha phantsi ezi zindlu <u>zazikwarhidwa</u> ngodaka nangobulongwe.

Ezi zindlu zamandulo zazibizwa ngokuba ngoongquphantsi. Umntu wayengenakukwazi ukungena kolu hlobo lwendlu eme <u>nkgo</u> kuba kaloku zazineminyango emifutshane, kwaye kwakufuneka ukuba umntu agobe xa eza kungena.

Le mizi yayingahluphekanga, abantu bayo babekwazi ukujongana neziqu zabo ngokuphathelele kwizinto ezifana nokutya nezinye kuba babefuyile, benemihlaba yokulima, ukanti babekwangabantu *abazingela* nokuzingela.

Umzi ngamnye wawunezindlu ezininzi ezenze isangqa apho indoda, abantwana bayo, oonyana bayo abatshatileyo, amakhosikazi abo, abazukulwana, njalo njalo babehlala khona. Indoda esisinhanha/isityebi kwaye enomhlambi omkhulu weenkomo, iigusha neebhokhwe, yayikwazi ukuhlala nabanye abantu abangezizo izizalwane zayo kunye neentsapho zabo bantu emzini wayo. Aba bantu babesiba luncedo apha kule ndoda kuba babebusa apha kuyo ngokuthi bajongane nemfuyo, bancedise nakweminye imisebenzi yekhaya ukuze bakwazi ukufumana ubisi okanye baphawulelwe (banikwe ezabo iinkomo) ukuze nabo babe nemihlambi yabo. Uyise weli khaya wayesaziwa ngokuba yintloko yekhaya kuba yayinguye othabatha izigqibo apha ekhayeni kwaye ikwanguye nojonge usapho olu lwakhe. Ibisithi yakusweleka intloko yekhaya indawo yayo ithatyathwe ngunyana wayo omkhulu.

**By N. Mavuso**

3.1 Kwesi sicatshulwa sifumana izifanekisozwi ezizezi zilandelayo saa, nkqo. Zisebenzise kwezakho izivakalisi ukubonisa ukuba uyazazi izinto eziyithethayo. 2x2=(4)

3.2 Kumhlathi wesithathu sifumana izithetha-ntonye ezizezi isinhanha / isityebi. Nika izithetha-ntonye zala magama alandelayo, wandule ukuzisebenzisa izithetha-ntonye ezo kwezakho izivakalisi. Cwangcisa ngolu hlobo:

| Igama | isithetha-ntonye | isivakalisi |
|---|---|---|
| Ingcwaba | | |
| Imbaleki | | |
| Isihlobo | | |
| Isangqa | | |
| Umtshakazi | | |

1x10=(10)

**UMBUZO 4**

Kumhlathi wokuqala sifumana igama "imizi" lisebenzise kwezakho izivakalisi ukubonisa ukuba lineentsingiselo ezahlukileyo. 2x2=(4)

**UMBUZO 5**

Kumhlathi wesibini sifumana izimelabizo zokwalatha ezibini zichonge usakugqiba uzisebenzise kwezakho izivakalisi ukubonisa ukuba uyazazi. 2x2=(4)

**UMBUZO 6**

Kumhlathi wesibini sifumana kusetyenziswe igama elinye longquphantsi endaweni yenkcazelo yendlu yakudala enomnyango omfutshane apho ungenakungena ume nkqo, ungena ugobile. Sebenzisa igama elinye endaweni yezi nkcazelo zilandelayo.

(a) Umntwana oza emva kwamawele.
(b) Umfazi obhujelwe yindoda.
(c) Umntwana wegusha.
(d) Umphathi wesikolo. 2x4=(8)

**UMBUZO 7**

Lungisa iziphene ezifumaneka kulo mhlathana ngokuthi uphinde uwubhale:

kwathi ekuthandazeni kwakhe uzungu phambi koyehova ueli umbingeleli wawugqala umlomo wakhe ethethela entliziyweni yakhe kubebezela imilebe yodwa izwi lakhe lingavakali (10)

**AMANQAKU ECANDELO C: [40]**

**AMANQAKU EWONKE: 75**

**END**